

Vuk'uzenzele

Ippashwe liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS)

English/isiXhosa

EyeThupa 2020 Ushicilelo 1




Ngokufutshane ukubeke-lwa bucala
Iphepha lesi-7



Umcimi-mlilo we-Crew Juliet ubalisa ngebali lakhe
Iphepha lesi-8



UMzantsi Afrika uthatha amanyathelo okulungisa ukudinge ka kwezixhobo zokuphefumlisa



ISIXHOBO sokuphefumlisa esenziwe apha ekhaya siza kunceda izigulane ezineempawu ezingephi ze-COVID-19 ukuba ziphefumle lula

Silusapho Nyanda

Umlo wokulwa nesifo sentsholongwane i-corona (COVID-19) eMzantsi Afrika womelezwe kukuveliswa kwsixhobo sokuphefumlisa sokuqala apha kweli lizwe

Isixhobo sokuphefumlisa soXinzelelo oluluNcedo kwimibhobho yoMoya oluQhubekayo (i-CPAP) since da izigulane ezineempawu ezingephi ze-COVID-19 ukuba ziphefumle lula ngokubonelela ngoxinzelelo lomoya onomo-ngo-moya okwinqanaba elingephi ukugcina imibhobho yazo yomoya ivulekile.

Esi sixhobo sokuphefumlisa sayilwa liBhunga loPhando-nzulu kwezobuNzululwazi nezoShishino (i-CSIR) ngentsebeniswano neqela labehluelani balapha ekhaya kwaye siza kufezekiswa kweli

lizwe jikelele kwizigulane eziponakalisa iingxaki zokuphefumlila kwizigaba zokuqala zosuleleko lwe-COVID-19.

"Umoya umntu awuphefumlayo ngokwesiqhelo unomongo-moya ohlanganisiweyo oziipesenti ezingama-23. Umatshini we-CPAP unga-mpompa umthamo ophezulu womongo-moya, ukuncedisa umntu ukuba aphefumle.

I-CPAP impompa umongo-moya ohlanganisiweyo ngokuhubekayo. Ungawandisa okanye uwunciphise umthamo womongo-moya umntu awuphefumlela ngaphakathi," utsho uMlawuli weSigqeba we-CSIR Future Production: Manufacturing u-Martin Sanne.

Izigulane ezisebenzisa

Liqhubeka kwiphepha lesi-2



Ukufunda u Vuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:



Khangela u- SA Government kwi Google playstore okanye kwi-appstoree

QHAGAMSHELANA NATHI Vuk'uzenzele @VukuzenzeNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-imeyili: vukuzenzele@gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za yomnxeba: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083

EYASIMAHLA AYITHENGISWA

Bad behaviour results in alcohol ban

A TRAUMA SURGEON has welcomed President Cyril Ramaphosa's efforts to sober up South Africa, saying that heavy drinking was causing a headache for hospitals.

The sale of alcohol was once again banned in South Africa in the middle of July because of the number of people needing emergency care in hospitals as a result of drunken behaviour.

Instead of being available to help people who were very sick from the coronavirus disease (COVID-19), hospitals were treating patients wounded in car accidents or

fights that were caused by drinking too much.

Professor Steve Moeng, who is head of trauma at Gauteng's Charlotte Maxeke Hospital, explains that under level five of the lockdown, the hospitals' emergency rooms were nice and quiet but each time the country went to a lower level, the number of people needing emergency treatment at our hospitals increased.

He says that since the coun-

try moved to level four of the lockdown on 1 June, hospitals have seen more trauma cases.

"Unfortunately, this has had a negative impact in terms of our ability to deal with the COVID-19 load in our hospitals," he says, explaining that in South Africa, most of the trauma cases dealt with by hospitals are related to alcohol.

Moeng, who is also the academic head of trauma at the University of the Witwa-



tersrand, says when the emergency rooms are full, hospitals are not able to give as much time and resources to COVID-19 as needed.

He says there is a need to re-evaluate society's relationship with alcohol because too many people are not able to drink responsibly and

instead become drunk and disorderly and behave recklessly or badly as a result.

Emergency rooms tell the story of the impact on South Africa of the abuse of alcohol, with doctors spending most weekends stitching up victims of domestic abuse, car crashes or violent fights. **V – SANews.gov.za**

Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

isixhobo sokuphefumisa zinxulumanyisa ngokuthi zinxityiswe isigqubuthelo-buso. Umongo-moya utsalwa kwitanki yegesi yomongo-moya uze udityaniswe nomoya wendalo kwisixhobo sokuphefumisa, ukusuka kulo ndawo ukuya kugqithiselwa kwisigqubuthelo-buso uze uphefumelwe ngaphakathi sisigulane. USanne uthi ukongeza ekumpontshweni komoya womongo-moya, i-CPAP ikwanceda izigulane

ukuba zikwazi ukuphefumela ngaphandle.

Isixhobo se-CPAP singasetyenziswa kwiimeko ezenobuchwepheshe obuxhume kakhulu bezonyango nakwiimeko zethutyana, ezifana nezibhedlele zethutyana nakumaziko okuvalela bucala.

USanne uthi i-CSIR kufanele ibe ivelise izixhobo zokuphefumisa ezingama-10 000 ekupheleni kweyeThupha. Ngokusebenzana nabakwa-Siemens, abakwa-Simera, abakwa-Akacia, abakwa-Gabler, Umoya kunye neYunivesithi yaseKapa (i-UCT),

i-CSIR ivelise i-CPAP ngo-kwemigangatho yoMbutho wezeMpilo weHlabathi (i-WHO).

Iqela lokuqala lezi zixhobo zokuphefumisa liza kunikezelwa kwizibhedele zikarhulumente eziphantsi koxinzelelo ngenxa yokungabikho kwezixhobo zokuqbisana ne-COVID-19.

I-CSIR iqalise ukusebenza nge-CPAP emva kokuba ihlabathi liqalise ukufumana ukudingeka okukhulu kwezixhobo zokuphefumisa. "Malunga nenyanga yoKwindla nekaTshazimpuzi, kwa-

suka ngesiquphe kwakho ukungabikho ngokwaneleyo kwezixhobo zokuphefumisa kubaboneeli bethu bezizwe-ngezizwe. Apho zazifumaneka khona, zazibiza kakhulu, ngoko ke urhulumente wakhupha isiniki-maxabiso sokuveliswa kwezixhobo zokuphefumisa," utsho uSanne.

Isiniki-maxabiso ibiyinxalenye yeProjekthi yeSizwe karhulumente yeziXhobo zokuPhefumisa ngaphakathi kweSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphi-swano.

I-CSIR ikwasebenza nangesixhobo sokuphefu-

mlisa soXinzelelo olu-luNcedo kwiMibobho yoleyo omaNqanaba-mabini (i-Bi-level Positive Airway Pressure) onjongo zawo zikukunceda izigulane ezineempawu ezibukhali kakhulu ze-COVID-19. Esi sixhobo sokuphefumisa siza kuncedisa ukuphefumela ngaphakathi nokuphefumela ngaphandle, nokuba kungendlela yoxinzelelo lomongo-moya oluqingqiweyo okanye kungokuzivela ubonelelo lomongo-moya odingwa sisigulane uze ulungelelanise uxinzelelo ngoku-fanelekileyo. **V**



government communications

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Khusela Diko | khusela@gcis.gov.za

Editor-in-Chief
Tyrone Seale | tyrone@gcis.gov.za

Managing Editor
Ongezwa Mogotsi
ongezwa@gcis.gov.za

News Editor
Noluthando Motswai

Writers
More Matshediso
Jauhara Khan
Silusapho Nyanda

Senior Designer | Tendai Gonese

Language Practitioners
Nomgcibelo Motha
Boitumelo Phalatse

Vuk'uzenzele
is published by Government Communications (GCIS)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Printed by: RISING SUN PRINTERS

Distributed by: ON THE DOT



Nceda unqande ukunwenwa kwe-COVID-19

Isizwe sakuthi sijamelene neyona ntlekele inzima kakhulu kwimbali yedemokhrasi yethu. Iintsu-ku ezingaphezulu kwezi-120, siphumelele ekulibaziseni ukunwenwa kwale ntsholongwane izisa intshabalalo kwihiabathu jikelele.

Kodwa ngoku, ukunyuka ngamandla kosuleleko esasicyiswe ngako zingcali zethu zezonyango ukuba kuseza kuza, sekufikile. Bangaphezulu kwekota yesigidi abantu baseMzantsi Afrika abosulelwe yintsholongwane i-corona, kwaye siyayazi ukuba luseluninzi olunye usuleleko olungabonwanga. Ngoku sibhalisa ngaphezulu kwama-12,000 ezechlo zosuleleko ezintsha yonke imihla.

Ukusuela ukuqalis a kokuqhambuka kwayo kwinyanga yoKwindla, ngabantu abangama-4,079 ubuncinane abathe basweleka ngenxa ye-COVID-19.

Njengale ngqele iqhaqhzelisa amazinyo indlongozela ukungena kwilizwe lethu ivela kwi-Atlantic esemaZantsi ngelxesha lonyaka, imbalwa imimandla yeli lizwe eya kusinda kule ntsholongwane i-corona. Uhlaselio lwentsholongwane i-corona lukude le ngobukhali kwaye lutshabalala ngaphezulu kwalo naluphi na utshabalalo esakhe salwazi ngaphambili. Lutweza imithombo yethu kunye nokuthatha kwethu iziqqibo kude kufikelele ekupheleni.

Ukunyuka ngamandla kosuleleko ebeluthelekelelwe kwangaphambili zingcali noosonzululwazi bethu kwezi nyanga zi-3 zidlulileyo, kude kwafika ke ngoku. Kuqale eNtshona Koloni kwaye ngoku kuyaqhubeke eMpuma Koloni naseGauteng.

Kanti, nangona usuleleko luhkula ngokucacileyo, kubalulekile ukuqaphela ukuba izi-

nga lethu lokusweleka leepesenti e-1.5 liphakathi kwawona mazinga aphantsi ehlabathini. Oku kuthelekiswa nomyinge wezinga lezhlo zokusweleka ehlabathini jikelele elikwipesenti ezi-4.4. Sifanele ukubulela amava nokuzinikela kwamagcisa wethu wezonyango namanyathelo angxamisekileyo esiwathathileyo ukwakha amandla enkqubo yethu yezempilo ngala manani asezantsi okusweleka kwilizwe lethu.

Nangona uninzi lwabantu bakuthi bewathathile amanya-thelo okuthintela ukunwenwa kwale ntsholongwane, bakhona abanye abangayenzanga loo nto. Bakhona abanye apha phakathi kwethu abangayihoyiyo imimiselo ephunyezelwe ukulwa esi sifo.

Ebunzulwini bonje yena ubhubhane, ukukhwela iteksi ungasinxbanga isiqqubuthelobuso, iindibano zabahlolo, ukuya kwiziyunguma okanye ukutyelela usapho, nako ngokulula kunokubangela ukusazeka kwentsholongwane kunye nokuphulukana nobomi. Esi ingasisifo esibangelwe yile ntsholongwane, kodwa sisasazwa yindlela abantu abaziphethe ngayo nendlela yokuziphatha.

Ngexesha yamanathelo wethu-njengomntu ngamnye, njengeentsapho, njengoluntu-sinakho kwaye kufuneka simtshintshile lo bhubhane kwilizwe lethu. Kufanele sinxibe isiqqubuthelobuso esensiwe ngelaphu esigquma iimpumlo nomlomo ngalonke ixesha siphuma ekhaya. Kufuneka siqubeke sihlamba izandla zethu rhoqo ngesepha namanzi okanye ngesibulalizintsholongwane. Kufuneka siqubeke nokucoca size sifake nesibulali-zintsholongwane kuyo yonke imiphezulu/imiphandle kuzo zonke iindawo zikawonke-wonke. Okona

kubaluleke nangakumbi, kufuneka sigcine umgama wokuqevelana okhuselekileyozimitha ezi-2 ubuncinane-ukusuka kwabanye abantu.

Ngoku kukho ubungqina obuvelayo bokuba le ntsholongwane isenokuhamba njengamasuntswana amancinci emoyeni kwiindawo ezinabantu abaninzi, ezivaliweyo okanye ezingangeni kakuhle umoya. Ngenxa yeso sizathu kufuneka ngoko nangoko siphucule imo yangaphakathi kwiindawo zikawonke-wonke aphi umngcipheko wobungozi bosuleleko umkhulu kakhulu khona.

Isiqqibo sethu sokubhengeza ukuvaleleka phantsi kwemiqathango ethile kwizwelonekathintela ukunyuka ngamandla kosuleleko ngobuninzi ngexesha aphi iinkonzo zethu zezempiro zazingekasilungeli esisimo, nento eyayinokukhokelela kweyona lahleko inkulu yokuphulukana nobomi.

Kwixesa ebinalo, sithathe amanyathelo abalulekileyo okomeleza indlela yethu yezempilo yokusabela. Senze uvavanyo lwentsholongwane i-corona olungaphezulu kwezigidi ezimbini kanti ke oonompilo benze uhlolo olungaphezulu kwezigidi ezingama-20.

Sineebhedi ezingama-28,000 esibhedlele ezilungele ukusetyenziswa zizigulane ze-COVID-19 saze sakha izibhedlele zethutyana ezisebenzayo kwizwelone. Ngoku sineebhedi zokuvaleleka bucala ezingama-37,000 kumaziko abucala namaziko karhulumente kwizwelone, ezilungele ukwenza amakheswa abo bangakwaziyo ukwenza njalo emakhayeni wabo.

Sithenge saza sathumela izigidi zezixhobo zokuzikhulsea emsebenzini kwizibhedlele, kwiiklinikh kunye nasezikolweni kwizwelone ukukhusela abasebenzi bethu abanga-

bona baphambili edabini. Siye saqasha kwaye siyaqhubeke nokufuna abongikazi, oogqirha nabasebenzi bakaxakeka bezempilo abongezelwego.

Siyaqhubeke nokwenza inkqubela kumalinge wethu okuqbisana ne-COVID-19, kodwa owona mceli-mngeni mkhulu usengaphambili. Kuwo onke amaphondo, sime ngomumo ukwandisa ngakumbi inani leewadi zesiqhelo ezibhedlele kunye neebhedi zabagula kakhulu zezigulane ze-COVID-19.

Umthamo weewadi zesiqhelo ezibhedlele uphunguliwe kwi-zibhedlele ezininzi ngokuthi kulyaziswe kwabo badinga inkathalelo engangxamisekanga, ukuguqulwa kweendawo ezithile zesibhedlele ukuba zibengamacandelo ongezelelwego wabagulayo nokwakhiwa okanye ukwandisa kwezibhedlele zethutyana.

Sisebenzela ukwandisa ubonelelo lomongo-moya, izixhobo zokuphefumisa

kunye nezinye izixhobo zabo badinga inkathalelo yabagula kakhulu, kuquka nokutshintsha ubonelelo lomongo-moya ebelusetyenziselwa ezinye iinjongo. Sifaka ubuchwepheshes bedijithali ukuqinisa indlela ekubonwa ngayo, ukulanda umkhondo nokwenziwa amakhweswa kwabo bebedibene nomntu osulelekileyo, kunye nokubonelela ngenkxaso kwabo uvavanyo lubafumanise bosulelekile.

Njengokuba sison dela kwinkcochoyi yosuleleko, sidinga ukulumka ngakumbi size siqinise la manyathelo sele ekho ukuthomalalisa izinga lokusazeka.

Imigaqo engokunxitywa kwezigqubuthelobuso iza kuqinisa. Abaqashi, abanini zivenkile kunye nabawali, abaqhubi bezithuthi zikawonke-wonke, kunye nabawali kunye nabanini

baso nasiphi na isakhiwo sika-wonke-wonke bayanyanzelwa ngumthetho ukuba baqinisekise nabani na ongena kwizakhiwo zabo okanye izithuthi kufuneka esinxibile isigqubuthelobuso.

Iiteksi ezihamba imigama emifutshane ngoku ziza kuvunyelwa ukuba ziwandise umthamo wazo wokukhwelisa i-100 lepesenti, ngelixa ezihamba imigama emide zingavumelekanga ukuba ziwandise umthamo wama-70 eepesenti, phantsi komqathango wokulandelwa kwemimiselo yokuthomalalisa umngcipheko omalunga nokunxitywa kwezigqubuthelobuso, ukucocwa kwezithuthingesibulalizintsholongwane kunye nokuvulwa kweefestile.

Ngoku kukho ubungqina obucacileyo bokuba ukuqaliswa kokuthengiswa kotywala kukhokelele ekubekwesi kwezibhedlele zethu phantsi koxinzelelo olumandla, kuquka namacandelo abonzakeleyo kunye namacandelo abagula kakhulu (i-ICU), ngenxa yengozi zeemoto, ubundlobongela kunye nokwenzakala okunxulumene nabo. Ngoko ke sithathe isiggibo sokuba khona ukuze sikwazi ukgcinna umthamo wezibhedlele uphantsi, ukuthengiswa, ukusasazwa kunye nokuhanjiswa kotywala kuza kurhoxiswa ngoko nangoko.

Njengenyathelo elongezele-lwego lokunciphisa uxinzelelo ezibhedlele, kuza kumiselwa ixesha lokuvaleleka ngendlu phakathi kwentsimbi ye-9 ngokuhlwa nentsimbi yesi-4 ekuseni.

Siwathatha la manyathelo sikuqonda kakuhle ukuba abeka ubomi babantu phantsi kwezithintelo ezingamkelekiyo. Noxa kunjalo, ayafuneke, ayimfuneko ukusinceda siphumele kweli xesha le nkochoyi yesi sifo.

Ayikho indlela esinokuthi siluphephe olu qhwitħelobuso i-ntsholongwane i-corona. Kodwa singawuthothisa umonakalo le ntsholongwane enokuwenza kubomi bethu. Njengesizwe sihlangene sonke ukuba sixhasane, sinike intuthzelo kwabo bagulayo kunye nokukhuthaza ukwamkeleka kwabo baphila nale ntsholongwane.

Ngoku, ngaphezulu kuanangaphambili, sinoxanduva lobomi babo basinqongileyo. Siza kumelana nolu qhwitħela. Siza kulibuyisela ilizwe lethu libe sempilwene kwaye lihlume. Siza kweyisa.

Celebrating South African women

August is Women's Month, a time when we pause to celebrate the achievements and contributions made by South African women.

Why do we celebrate Women's Day?

In South Africa, 9 August is Women's Day and the month of August is National Women's Month. This is an opportunity to celebrate women's achievements and the important role that women of all races and religions have played and continue to play in South African society.

On 9 August 1956, more than 20 000 women from all walks of life united in a mass demonstration at the

Joseph, Albertina Sisulu, and Sophia Williams-De Bruyn.

In remembrance of what South African women

"Women of South Africa, be proud of what you have achieved."

Union Buildings in Pretoria. They protested against the unjust pass laws enforced on women in South Africa.

The women were led by Lillian Ngoyi – a trade unionist and political activist, Helen

achieved on that day, 9 August has been declared as National Women's Day and is a public holiday in South Africa. Women's Month is an opportunity to celebrate and reflect on the achieve-

ments of these inspirational women, the problems they faced in the struggle to be free and the important role all women continue to play in society.

Apart from their traditional roles as mothers, wives and caregivers, statistics show that women are making great progress in business, politics and academic and economic careers, with more and more women reaching top positions.

Make a difference

Women of South Africa, be proud of what you have achieved. Let the achievements of those who went before you inspire you to unlock your own strength and motivate you to make a difference in your family, your community and your country.

Go out and celebrate the women that you are. Go out and make a difference this Women's Month!

Gender-based Violence

Gender-based Violence and Femicide (GBVF) continues to be a big problem in our society. The fight against GBVF cannot be left to government alone; it must be embraced by all South Africans – men, in particular.

Contact the Gender-based Command Centre in your area by calling 0800 428 428 or send a please-call-me to *120*7867#

Important numbers

If you are being abused or suspect that someone is being abused, call:

- South African Police Service 10111
- Childline 0800 055 555
- Stop Women Abuse Hotline 0800 150 150
- Lifeline 0861 322 322.

Umcimi-mlilo we-Crew Juliet ubalisa ngebali lakhe

AMANINA

kufuneka
akhombe indlela
ngokuqala into
engazange yenzeka
ngaphambili, utshilo
umcimi-mlilo



Umcimi-mlilo oselula uVuyiseka Arendse uyinxalenye yeqela labacimi-mlilo bokujala abangamanina.

Photo: Alistair Burt - NCC Environmental Services

Dale Hes

Umcimi-mlilo ose-lula uVuyiseka Arendse (26) yinxalenye yeqela i-Crew Juliet, eliliqela labacimi-mlilo basendle bokujala abangamanina. Amandla kunye nokuzimisela kwakhe ekuzenzeleni igama kwihiabathi labacimi-mlilo elilawulwa ngamadoda kuhuthaze onke amanina. U-Arendse ukhulele kwidolophana encinci yaseNtshona Koloni iBhobhfolo (*Beaufort West*). Ukugqiba kwakhe ukufunda amabanga aphantsi, ukhe wazama ukufunda kwikholeji ese-Oudtshoorn, kodwa wagqiba kwe-lokuba makabuyele ekhaya ukuze akwazi ukunceda

usapho Iwakhe. Wasebenza ithutyanana kwivenkile enkuIu ethengisa ukuya, kodwa umdla wakhe wokuba ngumcimi-mlilo wakhula ngamandla.

"Ndabona abacimi-mlilo kwisinxibo sabo nezigadla ezibomvu ezinkulu. Ndaba nomdla kwangoko, ndanqwenela ukufumana ulwazi oluthe vetshe," utsho u-Arendse.

U-Arendse ngomnye wabathi bathweswa izidanga kwinkqubo karhulumente waseNtshona Koloni yophuhliso lolutsha eyi-Chrysallis Academy ngowama-2016. Emva kwale nkqubo, uye wasebenza kwisikhululo sokucima umlilo sase-Bhobhfolo, esamkela i-R1 900

kuphela ngenyanga. Kodwa emva koko, wafumana ithuba elalibonelelwaa ziiNkonzo zokusiNgqongileyo ze-NCC (i-NCC Environmental Services) kulo nyaka uphelileyo.

"Ndandikwi-Chrysal Academy njengomququzeleli aplo i-NCC yeza kuthetha nabafundi malunga nethuba lokufaka isicelo sokufuma uqequesho lweqela labacimi-mlilo basendle bokujala abangamanina. Nangona ndandingenguye omnye wabafundi, ndaba nomdla kakhulu nam ndaza ndafaka isicelo sokuqeshwa, ndaza ndamkelwa," utsho u-Arendse.

U-Arendse waya kufumana uqequesho, olwaludibanisa imiba yenkcazo eyingcingane

(theory) kunye neyokwenziwa komsebenzi (practical) wocimo-mlilo.

"Ndafunda lukhulu. Okokuqala, ndandingayazi ukuba kukho abacimi-mlilo abajongene nomsebenzi wokucima imililo yedobo. Ngaphambili phaya ndandicinga ukuba basebenza ezipolophini kuphela becima imililo kwizakhiwo kuphela," utshilo.

U-Arendse wongeza ukuba yayiyimvakalelo engumanganiso ukuphumelela uqequesho uze ube yinxalenye yeqela labacimi-mlilo bokujala abangamanina abalolu hlobo.

"Ndaziva ndinemincili kakhulu, ingakumbi xa ndixeleta abantu ukuba ndifuna ukuba ngumcimi-mlilo, unini lwabo lwalusithi asoze ndikwazi kuba ndilinina kwaye asoze ndikwazi ukumelana nawo lo msebenzi. Oko kwandityhalela ekubeni ndibabonise ukuba ndingakwazi, oko ndingakwazi njemna kuphela kodwa ndikwenzela onke amanina aseMzantsi Afrika."

U-Arendse uthi ukucima

kwakhe owona mlilo mkhulu okokuqala e-Noordhoek kwakungumceli-mngeni kodwa amava amfundisa kakhulu.

"Ndandisebenza okokuqala iiyure ezingama-24 ezipheleleyo kwaye ikokokuqala ukuba sisebenze nabo bonke abanye abacimi-mlilo abangamadoda. Wawudina kwaye kushushu kakhulu kwisinxibo sethu sokuzikhusela kodwa sawugqiba umsebenzi kwaye imvakalelo emva koko yayingumvuzo omkhulu kakhulu."

U-Arendse ukhuthaza amanina aseMzantsi Afrika ukuba angakhe alinge azidelele.

"Musa ukuxelwelwa ngabantu ukuba yintoni onoku-yenza nongenakuyenza."

* Uukhangela amathuba athe vetshe abonelelwaa ziiNkonzo zokusiNgqongileyo ze-NCC, landela ikhasi labo lika-Facebook. Unakho nokubatsalela kwiinombolo zomnxeba ezizezi: 021 702 2884 (eKapa), 010 007 5272 (eGauteng), 031 003 2964 (KwaZulu-Natal) okanye 041 101 1033 (eMpuma Koloni).